## SINOMBONO...

Sicinga ukuba iindawo zasezilalini zinee-ofisi zakamasipala. Ne-ofisi zooceba bewadi.

Sinesikhululo samapolisa kunye nee-ofisi eziphambili zakarhulumente kazwelonke, ezifana nesebe lophuhliso loluntu, isebe lezeMpillo, kunye nesebe lezekhaya.

Sicinga izibhedlele neekliniki ezisebenza kakuhle, ezinye ezakhelwe ngokukhethekileko abasebenzi basemgodini okanye uluntu oluchaphazekiley.

Sinomfanekiso-ngqondweni wemisebenzi wogutyulo lwelindle nenkunkuma, izindlu zangasese kunye nogutyulo lwelindle emakhaya, ezikolweni zikarhulumente namathala eencwadi. Sinomfanekiso wezityalo zemvelo ezikhusela iindlela kunye neziseko zoluntu kumoya okanye umonakalo ngexesha lezandyondyo nezaqhwithi.

Sinombono wendlela zethu zenzwe kakuhle, zinemibhobho yamazansi neebhulorho phezu kwemilambo ngexesha leemvula, nemiqondiso yendlela ecacileyo neempawu.

Izithuthi zikawonke-wonke zixhaswa ngokufanelekileyo, zinezikhululo zebhasi nothungelwano lwezothutho.

Sithi uluntu lwethu malubonakalise iimpawu zokuba umntu ngumntu ngabantu (Ubuntu). ukukhathalelana kunye noxanduva omnye komnye kunye nokusingqongileyo.

Ubundlobongela, intlupheko kunye nodlame ngokwesini ziphelile.

Uqoqosho lwethu lwengingqi zethu ezisisiseko. Uqeqesho kunye nokudluliselwa kwezakhono kumasipala kudale imisebenzi nokhuthazo lokutyala, efana nokuvuselela inkqubo yendalo.

Sinomfanekiso-ngqondweni weegadi zokutya zasekhaya nezasekuhlaleni, kusetyenziswa i-permaculture kunye ne-agroecology, kwiiyadi zamakhaya nezakhiwo zikawonke-wonke.

Sinombono weepaki zikawonke-wonke ezinomhlaba wokulima ukutya kunye nemarike yokutya rhoqo ukuze kwabelwane ngemveliso yasekuhlaleni. Wonke umntu unokufumana ukutya. Sicinga ukuba amanye amathuba ezoqoqosho ayavulwa, njengefama yobiso ezinzileyo.

Sinomfanekiso-gqondweni wezibane zasezitalatweni ezisebenzisa amandla welanga kunye neepaneli zesola kuwo wonke amaphahla ezindlu.

Sinombono wokuphela kwemigodi engazinzanga kunye namashishini. Sinemizi-mveliso yomoya, yelanga kunye nezinye ezabelana ngengeniso noluntu.

Amandla ethu enziwa ekuhlaleni, edala amathuba engqesho kwicandelo lamandla ahlaziyekayo nokuxhasa ukufikelela kwamandla afikelelayo.

Sinombo wokuphela kokulahlwa kwenkunkuma ngokungekho mthethweni. Iindawo zokulahla ezidlulileyo ziyavalwa kwaye endaweni yazo kufakwe uhlaza. Inkunkuma ikhutshwa rhoqo ngeelori kwiindawo ezicacileyo zokuqokelela.

Sinombono wokuba iindawo zokulahla inkunkuma zibiyelwe ngokufanelekileyo kwaye zilawulwa ngokukhuselekileyo, kude nabantu. Uluntu lwethu lusebenzisa iindlela zokunciphisa inkunkuma kunye neendlela zokulawula, ezifana nokwenza umgquba, ukusetyenziswa kwakhona kunye nokunyusa umgangatho.

Sicinga ukuba ulawulo lwamanzi ludityaniswe kuzo zonke iziseko ezingundoqo zoluntu. Uphahla lunamanzi emvula, ezindlini, nakwizakhiwo zikawonke-wonke.

Iimpompo zethu, imibhobho kunye neziseko ezingundoqo zamanzi zigcinwa ngokufanelekileyo ukuthintela ukuvuza. Iipaki zethu zaka wonke wonke zisetyenziselwa ukwandisa ukuzaliswa kwamanzi aphantsi komhlaba. Sineendawo zokugcin amanzi ezininzi kunye neetanki zokutshisa ezakhiweyo kulo lonke uluntu.

Sikhusela umhlaba kukhukhuliseko ngokujika iintambo, nokutyala izityalo zemveli kunye nezityalo zokutya.

Silawula imisinga kunye nemilanbo ngononophelo ukuqinisekisa ukuba izinto eziphilayo zasemanzini zikhula kakuhle, ezikhusela kwizikhukula, nokuxhasa uluntu oluphila ngokulobakunye neenkqubo zokutya.

## SINOMBONO...

**Ingaba imo yezulu ijongeka njani kwikamba nje lasezilalini eMzansi Afrika?**

**Yintoni engekhoyo kulo mbono wobomi obulungileyo kubo bonke?**

*This document emerges from imagining what a climate just future looks like in rural South Africa, through in-person workshops and online engagement in the Rural Action for Climate Resilience (RACR) project.*

*The RACR project is a partnership project with the Social Change Assistance Trust (SCAT) and Southern African Faith Communities Environment Institute (SAFCEI) and Heinrich Boell Stiftung. It is currently funded by the Irish Embassy. It focuses on building an understanding of and greater resilience to climate change in rural South Africa, through working with community based organisations and Faith leaders in rural Eastern Cape, Western Cape, Northern Cape, Limpopo and Free State.*

*Illustrations used in this document are from the Barefoot Guide and previous RACR materials.*